



Tell us a story!

How often have your children said, "Tell us a story, please?" You may remember what it feels like to be completely wrapped up in a story – it's like everything around you disappears and you are part of the story! Children love hearing stories, and they are a great way to stimulate their imagination and their use of language. Here are some tips to help you be a magical storyteller for your children.



Sibalisele ibali!

Kukangakanani apho abantwana bakho bathi, "Khawusibalisele ibali, siyakucela torho?" Usengakhumbula ukuba kuvakala njani ukuthabatheka ngokupheleleyo ebalini – kube ngathi akukho nto tu eyenye ekungqongileyo ngaphandle kokuba wena uyinxalenye yebali! Abantwana bayakuthanda kakhulu ukumamela amabali kwaye amabali angungqa-phambili ekuvuseleleni intelekelelo nokuzakhela imifanekiso-ngqondweni kwakunye nasekusebenziseni ulwimi kubantwana. Nazi ezinye zeengcebiso zokukunceda ukuba ube ngumbalisimabali owenza imimangaliso ebantwaneni bakho.

Which stories should I tell?

- ★ **Get going.** It's always easiest to start with what you know, so start by telling stories that you know well.
- ★ **Find more stories.** Keep adding to the number of stories you can tell by finding new ones. Look in books and on the internet. Translate stories that are only available in one language into the language(s) you are comfortable telling stories in.
- ★ **Match with your audience.** Choose a story to tell that you think will interest your listeners and is appropriate for their ages. For example, most children enjoy stories that have animals in them, but stories with evil spirits in them may scare very young children.

Ingaba ndingabalisa awaphi amabali?

- ★ **Thatha khona.** Kusoloko kulula ukuqala ngokwaziyo, ngoko ke qala ngokubalisa amabali owazi kakuhle.
- ★ **Khangela amabali amaninzi.** Yithi gqolo usongeza kwini lamabali okwaziyo ukuwabalisa ngokukhangela amanye. Khangela ezincwadini nakwi-nakwi-intanethi. Guqula amabali afumaneka ngolunye ulwimi, uwatolikele kwezinye iilwimi ozazi ngcono nongabalisa ngazo kakuhle amabali ngokukhululekileyo.
- ★ **Nggamanisa nabaphulaphuli bakho.** Khetha ibali ocinga ukuba liza kuba nomdla kubaphulaphuli bakho kwaye lilungele nobudala babo. Umzekelo, uninzi lwabantwana luyawonwabela amabali angezilwanyana, kodwa wona amabali abalisa ngemimoya engcolileyo namagqwirha mhlawumbi angaboyikisa abantwana abancinane kakhulu.

How do I tell a story?

- ★ **Choose your words.** Try to choose interesting and expressive words that help your listeners to build a picture in their heads as they listen to the story.
- ★ **Use expression.** Tell the story with expression in your voice, and give the characters different sounding voices, like a squeaky voice for a little mouse and a deep, booming voice for a lion.
- ★ **Use your whole body.** Use your face to show the expressions of different characters in the story. For example, frown when a character is shouting and cross about something. Use body gestures, like swaying gently from side to side to show how a tree moved in a gentle breeze and then using bigger movements to show how it moved as the wind got stronger.

Ndilibalisa njani ibali?



- ★ **Khetha kakuhle amagama akho.** Zama ukukhetha amagama anomdla nabonisa uvakalelo nayakunceda abaphulaphuli bakho bazakhele imifanekiso-ngqondweni njengokuba bemamele ibali.
- ★ **Sebenzisa iimvakalelo.** Balisa ibali ubonakalisa iimvakalelo ngelizwi lakho uze unike abalinganiswa amazwi avakala ngokungafaniyo, njengelizwi elinkwizayo xa kuthetha impuku nelikhulu, elingqokolayo xa iyingonyama.
- ★ **Sebenzisa wonke umzimba wakho.** Sebenzisa ubuso bakho ukubonakalisa inkangeleko kubalinganiswa abohlukileyo ebalini. Umzekelo, finga iintshiya xa umlinganiswa engxola kwaye equjise yinto ethile. Sebenzisa umzimba, ujekule njengokuya ngapha nangapha ngokuzolileyo ubonakalisa ukuba ushukuma njani umthi xa ushukunyiswa yimpepho epholileyo, uze uwudlikidle ngamandla umzimba wakho ukubonisa ukuba ushukuma njani xa umoya ubhudla.



What do good storytellers do?

- ★ **Practise.** If you are telling a story to a group of children, practise in advance so that you know the story well.
- ★ **Enjoy yourself.** If you enjoy telling a story, then it is likely that your children will enjoy listening to it too! So, relax and have fun!

Oonobalisa abaphume izandla benza ntoni?

- ★ **Ziqhelise.** Ukuba uza kubalisa iqela labantwana ibali, ziqhelise kwangaphambili ukuze ulazi kakuhle ibali.
- ★ **Zonwabise.** Ukuba uyakonwabela ukubalisa ibali, ngokucacileyo nabantwana bakho baza kukonwabela ukulimamela nabo! Ngoko ke, zola uzonwabele!



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGEBALI.

IsiZulu in the spotlight

Dumisani (EDM) Sibiya, has been translating the *Nal'ibali* supplement into IsiZulu since Edition 119, our first supplement of 2017! So, we at *Nal'ibali* are very proud to share with you that Dumisani Sibiya is the winner of the 2021 University of Johannesburg main prize for Creative Writing in isiZulu. He was awarded the prize for his book, *Isibusiso Nezinyembezi* ("Blessings and Tears").

Sibiya's book is an anthology, or collection, of 100 poems. Each poem marks a year of Sibusiso Nyembezi's life – the book was published in 2019 when Nyembezi would have been 100 years old if he was still alive. The poems were written by 13 gifted poets and are about the work done by Sibusiso Nyembezi. Nyembezi's work had a great influence on isiZulu literature, so the poems in the book draw attention to aspects of culture, politics, nature, love, education, history, death and war from a Zulu perspective.

Dumisani Sibiya is a well-respected writer of novels, stories and poems. He wrote his first novel when he was 24. Since then, Sibiya has won many awards for his fine works.

This makes Sibiya our **Story superstar** of the month of March!



Dumisani (EDM) Sibiya – award-winning writer and poet, editor and IsiZulu translator for *Nal'ibali*

UDumisani (EDM) Sibiya – umbhali ophumelele imbasa nongumbhali wemihobe, umhleli nomguquleli kwisiZulu ka*Nal'ibali*.





IsiZulu sikwindawo ebalaseleyo

UDumisani (EDM) Sibiya, ubesoloko eguqulela uhlelo luka*Nal'ibali* kwisiZulu ukusukela kuchicilelo 119, uhlelo lwethu lowama-2017! Ngoko ke, thina kwa*Nal'ibali* sinebhongo ukwabelana nani ukuba uDumisani Sibiya nguye ophumelele ibhaso eliphambili leUniversity of Johannesburg lokubhala ngobuchule ngesiZulu. Uwongwe ngebhaso ngencwadi yakhe, *Isibusiso Nezinyembezi*.

Incwadi kaSibiya yingqokelela yemihobe eli-100. Umhobe ngamnye uphawula ngobomi bukaSibusiso Nyembezi – incwadi yapapashwa ngomnyaka wama-2019 xa uNyembezi ngewayeneminyaka eli-100 ukuba wayesaphila. Imihobe yabhalwa ngababhali bemihobe abanesiphiwo abali-13, yaye ithetha ngomsebenzi owenziwa nguSibusiso Nyembezi. Umsebenzi kaNyembezi waba nefuthe elikhulu kuncwadi lwesiZulu, ngoko ke imihobe encwadini itsalela ingqalelo kwimiba yenkcubeko, ipolitiki, indalo, uthando, imfundo, imbali, ukufa, nemfazwe ngokwembono yamaZulu.

UDumisani Sibiya ngumbhali ohlonitshiweyo weenoveli, amabali, nemihobe. Wabhala inoveli yakhe yokuqala xa wayeneminyaka engama-24. Ukusukela ngoko, uSibiya waphumelela imbasa ezininzi ngomsebenzi wakhe omhle.

Oku kumenza uSibiya **imbalsane yamabali** yethu kweyoKwindla!



2002 – *Kungasa Ngifile* (a novel) – Sanlam Prize for Youth Literature silver medal

2003 and 2004 – *Kungasa Ngifile* – finalist in the M-Net Literary Awards

2005 – *Imikhizo* (a collection of short stories) – Muntu Xulu Award for Short Stories silver medal

2006 – *Ngidedele Ngife* (a novel) – Sanlam Prize for Youth Literature gold medal

2010 – *Ngiyolibala Ngifile* – Sanlam Prize for Youth Literature gold medal

2011 – *Ngiyolibala Ngifile* – K Sello Duiker Memorial Award at the South African Literary Awards

2002 – *Kungasa Ngifile* (inoveli) – Sanlam Prize for Youth Literature Silver Medal

2003 and 2004 – *Kungasa Ngifile* – wayekuluhlu lokugqibela kwiM-Net Literary Awards

2005 – *Imikhizo* (Inggokelela yamabali amafutshane) – Muntu Xulu Award for Short Stories silver medal

2006 – *Ngidedele Ngife* (inoveli) – Sanlam Prize for Youth Literature gold medal

2010 – *Ngiyolibala Ngifile* – Sanlam Prize for Youth Literature gold medal

2011 – *Ngiyolibala Ngifile* – K Sello Duiker Memorial Award kwiimbasa zeSouth African Literary Awards



Drive your imagination

Celebrate our libraries!

Libraries offer us a wealth of stories and information to enrich our lives. Smaller libraries have hundreds of books while larger ones have thousands for us to choose from, giving us a wider choice of reading material than we could ever own – and we get to take some of the books home for a while!

South African Library Week runs from 14–20 March 2022. This year's theme is "ReImagine! RePurpose! ReDiscover ... Libraries!" So, read the reasons we think it's worth being a regular library user, then take your whole family to visit your library during Library Week.

- ★ Sign everyone up as members so that you can all borrow books and other resources.
- ★ Discover what materials and regular activities it has to offer.

- ★ Experience some of the special events held to celebrate Library Week.
- ★ Take time to explore different sections of your library, particularly those that you have not borrowed books from before – choose books with titles or covers that interest you and just "dip" into them.
- ★ Visit the children's section and, if you had a favourite storybook as a child, find it so that you can read it to your children.

Go to www.nalibali.org to find tips and ideas on choosing and exploring stories with children.

Bhiozela amathala eencwadi!


Amathala eencwadi asinika ubutyebi bamabali nolwazi olutyebisa ubomi bethu. Amathala eencwadi amancinane anamakhulu-khulu eencwadi lo gama amathala eencwadi amakhulu enamawakawaka eencwadi esinokukhetha kuzo, ngako oko ke asinika ithuba lokuba sikhethe banzi kokufundwayo kangangohlobo ebesingasozise sibe neencwadi ngalo – kwaye siyakhwazi nokuzithatha sigoduke nazo ezinye zazo okwexeshana.

Iveki yoMzantsi Afrika yeThala leeNcwadi iqala ngowe-14 ukuyokutsho kuma-20 kweyoKwindla 2022. Umxholo walo nyaka uthi "Cinga Kwakhona! Yiba Neenjongo Ezintsha! Fumanisa Kwakhona ... Ngamathala eeNcwadi!" Ngoko ke, funda ngezizathu esicinga ukuba kululutho ukuba ngumsebenzisi rhoqo wethala leencwadi, uze uthathe usapho lwakho lonke nityelele ithala leencwadi ngexesha leVeki yeThala leeNcwadi.

- ★ Wonke ubani makabhalise njengelungu ukuze nonke nikwazi ukuboleka iincwadi neminye imithombo yokufunda.

- ★ Fumanisa ukuba libonelela ngeyiphi imidlalo, imisetyenzana nezinye izinto zokufunda.
- ★ Yonwabela eminye yemibhiyozo ekhethekileyo ebanjelwa ukubhiyozela iVeki yamaThala eeNcwadi.
- ★ Zinike ixesha lokujongisa amacandelo ohlukileyo ethala leencwadi lakho, ingakumbi lawo ungazange waboleka ncwadi kuwo ngaphambili – khetha iincwadi ezinezihloko okanye ezinamaqweqwe atsala umdla wakho uze nje "untywile" kuzo.
- ★ Ndwendwela icandelo labantwana uze, ukuba wawuneyona ncwadi yamabali uyithandayo ngexesha ungumntwana, uboleke yona ukuze uyifundele abantwana bakho.

Yiya ku-www.nalibali.org ufumane iingcebiso neengcinga zokukhetha nokuchubelana ngamabali nabantwana.



5 reasons to use your library

- 1. Help your children be better readers.** Children who use the library are nearly twice as likely to be above-average readers than children who don't.
- 2. Reading for free.** Libraries offer a wider variety of reading material than we could ever own – and it is free!
- 3. More than books.** Many libraries also offer more than just books – for example, CDs, DVDs, newspapers and magazines. Some libraries also have computers you can use to access the Internet.
- 4. Enjoy free activities.** Some libraries offer activities especially for children (like regular storytelling times) that let them have fun with books.
- 5. Quiet space.** The library is a peaceful place for older children to do their homework. There are plenty of books to help them do research for school projects and assignments.



Izizathu ezi-5 zokusebenzisa ithala leencwadi lenu

- 1. Nceda abantwana bakho babe ngabafundi abangcono.** Abantwana abasebenzisa ithala leencwadi kunokwenzeka ngokuphindwe kabini ukuba babe ngaphezu komndilili wokufunda kunabantwana abangalisebenzisiyo.
- 2. Ukufunda simahla.** Amathala eencwadi abonelela ngeentlobo ngeentlobo zeencwadi zokufunda ezingasozise zikwazi ukuba zezethu – kwaye zonke zifumaneka simahla!
- 3. Fumana ngaphezulu kweencwadi.** Amathala eencwadi amaninzi anikezela ngokungaphezulu kweencwadi – umzekelo, ii-CD, ii-DVD, amaphephandaba kunye neemagazini. Amanye amathala eencwadi aneekhompyutha ukuze ukwazi ukufikelela kwi-intanethi.
- 4. Yonwabela imidlalo nemisetyenzana yasimahla.** Amanye amathala eencwadi anikezela ngemidlalo nemisetyenzana, ingakumbi eyabantwana ebona bazonwabele iincwadi (njengamaxesho okubalisa amabali okwenzeka rhoqo).
- 5. Indawo ezolileyo.** Ithala leencwadi yindawo enocwangco yabantwana abadlana apho benza umsebenzi wabo wesikolo. Kukho iincwadi ezininzi ezinokubanceda xa besenza uphandonzulu ngeeprojekthi nee-asayimenti zabo.

Days to celebrate in March!

Think about how important books, stories and poems are in making our lives more enjoyable! Books, storytelling and poetry have the power to grow our imaginations and vocabulary. They also help us to understand people and the world better. Here are three days on which we can try to make stories a special part of our family time. But remember to enjoy stories and poems every day!

Iintsuku zokubhiyoza kweyoKwindla!

Cinga ngendlela iincwadi, amabali, nemihobe ezibaluleke ngayo ekwenzeni ubomi bethu bube mnandi ngakumbi! Iincwadi, ukubaliswa kwamabali nemihobe, zinamandla okukhulisa imifanekiso ntelekelelo yethu kwakunye nesigama. Zisanceda kwanjalo ukuba sibaqonde ngokungcono abantu nelizwe. Nazi iintsuku ezintathu esinokuzama ngazo ukwenza amabali inxenye ekhethekileyo yobomi bosapho. Kodwa khumbula ukonwabela amabali nemihobe yonke imihla!

World Book Day

4 March 2022

On World Book Day, spend some time reading your favourite books. Try taking the whole family to a library so that everyone can choose at least one book to read. Share your love of books by swapping books with friends and family members, donating books to schools or reading clubs and making your own books!

USuku loMhlaba lweeNcwadi

4 kweyoKwindla 2022

NgoSuku loMhlaba lweeNcwadi, chitha ixesha ufunda iincwadi zakho ozithandayo. Zama ukuthatha lonke usapho uluse kwithala leencwadi ukuze elowo akhethe okungenani incwadi ibe nye yokufunda. Yabelanani ngothando lweencwadi ngokutshintshiselana ngeencwadi nabahlobo namalungu osapho, ngokuphisa ngeencwadi ezikolweni okanye kwiiklabhu zokufunda nokuzenzela ezakho iincwadi!

World Storytelling Day

20 March 2022

Grown-ups love telling stories, and children love hearing stories, so World Storytelling Day is a wonderful opportunity for families to spend time together. Why not spend a few hours during this day sharing stories about the history and traditions of your families and of the communities of which you are a part?

USuku loMhlaba lokuBalisa amaBali

20 kweyoKwindla 2022

Abantu abadala bayakuthanda ukubalisa amabali, yaye nabantwana bayakuthanda ukuva amabali, ngoko ke uSuku lweLizwe lokuBalisa amaBali lithuba elimangalisayo lokuba iintsapho zichithe ixesha kunye. Kungani ukuba ungachithi iyure ezimbalwa ngolu suku usabelana ngamabali ngembali namasiko eentsapho zenu noluntu oyinxalenye yalo.

World Poetry Day


21 March 2022

Poems use rhythm, rhyme, sounds and words in a special way to help us think about things differently. Poems can also help us to write about our deep thoughts and feelings. They can be like a song that tells a story in a few words.

USuku loMhlaba lwemiHobe


21 kweyoKwindla 2022

Imihobe isebenzisa isingqiso, imvanosiphelo, izandi namagama ngendlela ekhethekileyo ukusanceda sicinge ngezinto ngendlela eyahlukileyo. Imihobe isengasanceda ukubhala ngeengcinga zethu ezinzulu neemvakalelo. Ingafana nengoma ebalisa ibali ngamazwi ambalwa.



Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination

ibonakala ingenaloyiko konke. Phofu naleyo wayibeka kulo myalezo
 twpaphathisisisweyo, umyalezo ongekuthweswa kwakhe njengokumkani wazo zonke
 izilo zehlathi.
 "Mhlekez' omhle!" wakhahlela watsho uMpukwana. "Ndiza nodaba
 olothusayo, Nkosi yam."
 "Daba luni olo?" wabuza watsho uNgoniyama ebucahuka.
 "Kuthe kanti kukho silo singaphaya kwakho ngamandla,
 Mhlekez' wam!"
 Watsho ngowoyikekayo umgqomo uNgoniyama, waxhuma waya phezu,
 ewwule ng'a umlomo, loo mazinyo akhe oyikekayo eqhahazela. Zauwa nezinye
 izilwanyana loo mgqomo, sasehuka. Isilwanyana singena nokuba umngxuma
 ayimgowaso kuba sisasaba kumsindo ozayo.
 "UTHI kutheni?"
 Nangona efile kukoyika uMpukwana, waziqinisa. Waphendula wathi, "Uxolo,
 Mhlekez' uxo! Mina, ndize kukuxelela olu daba ndiluthunyinyiweyo nje kuphela."
 "Siphi eso silo?" wagragrama watsho uNgoniyama. "Ndise kuso, ngoku!"
 UMpukwana wathi, "Naso sithi singavuya nidibene." Emva koko ke nanko
 uMpukwana ekhokela uNgoniyama, emsa kumqolomba ebesele ewulungisile.
 Bakufika apho, walatha nje kuphela uMpukwana esithi, "Ngena ke, Mhlekez'!
 Mina ndiza kulinda apha ngaphandle. Lo mhlekez' ukulindleleyo uthu ufuna wena
 wedwa."
 Wangena ke uNgoniyama. Kwa oko uMpukwana wagengqa ilityekazi
 abelibekele loo msebenzi, wawuala mbha umlomo womqolomba. Ngaphakathi
 phaya, uNgoniyama wagquma, wagragrama, efuna esi
 silo. Koko ke akade asibone. "Siphi na esi silo, ndize kusibonisi'
 amaqhekez' engqele!"
 Akuya loo mbuzo uMpukwana, ngaphandle phaya, wasondela kumnyango
 lowo. Kwaye kukho sikotyana sikhoyo kweli litye avale ngalo. Wabeka
 umlonyana wakhe apho kweso sikotyana, wakhwaza wathi, "Linda, wena, Mhlekez'
 wam. Siza kufika esi silo kungekudala, linda."

"WHAAT?" Lion roared. "Wha-at did you say?"
 And, although Little Mouse trembled in her shoes, she made her voice
 as brave as she could and said, "I beg your pardon, My Lord, I am merely
 the messenger."
 "Where is this animal you say is stronger than Mighty Lion?" Lion
 asked. But before Little Mouse could answer, he ordered her to take him
 to that animal.
 Little Mouse said, "Sir, this animal has also expressed the wish to
 see you."
 So, they set off, Mighty Lion following Little Mouse. She led him to a
 cave she knew was nearby. It was the perfect place for her plan.
 When they got there, she said, "Your Lordship may enter. I will wait
 just outside the door. The animal stronger than Your Lordship said the
 meeting must be between just the two of you."
 Growing, Mighty Lion entered the cave. As soon as he was safely
 inside, Little Mouse closed the mouth of the cave with a huge rock she'd
 put nearby for that purpose. It was dark inside. Mighty Lion narrowed his
 eyes to see better. But, hard as he looked, he could not see anyone in
 the cave.
 After a while, with a loud voice, Mighty Lion asked, "Where is this
 goofy animal that I will crush to bits and pieces? When I'm through with
 him, I swear not even his mother will recognise him!"
 When Little Mouse heard Mighty Lion's question, she put her mouth
 to a little crack between the rock and the door of the cave and said,
 "Patience, Your Lordship. This animal will soon show itself."
 By now, the sun was setting. Soon, night fell, and Little Mouse went
 home for the night. She left Lion fuming and growling in the cave.
 At the crack of dawn the next day, Little Mouse was back at the door
 of the cave. Again, she put her little mouth to the little crack between the
 rock and the door of the cave.

dp davidphilip

Trading as **New Africa Books**

This version of *Stronger than Lion* has been specially adapted for use in the Nal'ibali Supplement. The published storybook, *Stronger than Lion*, is available in English, Afrikaans, Xhosa, Zulu, Sepedi, Sesotho, Ndebele, Xitsonga, Siswati, Tshivenda and Setswana from Exclusive Books, Bargain Books and all good bookstores countrywide.

Get story active!

- ★ Lion treated the other animals badly and was very proud. Do you think Mouse's plan was the best way to solve the problem? Why do you say so?
- ★ Write a play using the text from the story.
- ★ Use cardboard or paper plates, paint and string to create masks of the characters in the story. Then act out the story wearing your masks.

Yenza ibali linike umdla!

- ★ UNgoniyama wayeziphethe kakubi ezinye izilwanyana yaye wayezigwagwisa kakhulu. Ucinga ukuba icebo likaMpuku yayiyeyona ndlela igqwesileyo ukusombulula ingxaki? Kutheni usitsho nje?
- ★ Bhala umdlalo usebenzisa itekisi esebalini.
- ★ Sebenzisa ikhadibhodi okanye iipleyiti zamaphepha, ipeyinti nomtya ukwenzela abadlali abasebalini iimaski. Nize niidlale ibali ninxibe iimaski zenu.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



Drive your
imagination

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

Stronger than Lion



Isilo esoyisa iNgoniyama

Sindiwe Magona • Nicole Blomkamp

Ideas to talk about: What do you think could be stronger than a lion? What could you do to stop someone who is bullying you?

Izimvo eninokuthetha ngazo: Ucinga ukuba yintoni enokuba namandla ngaphezu kwengonyama? Yintoni ongayenza ukunqanda umntu okuxhaphazayo?

“Iputswana engangawe lo, ingamenza ntoni uNgonyama, eyingangala engakaya?”
 Zahleka zaqikileka nezinye izilo, zindlela uMpukwana. Kodwa ke, kwathi kuba kungekho simbi isilo esifuna ukuzigqata, siye kuhlasela uNgonyama, zafana zavuma ukumthamba uMpukwana.
 Wathi mazimphe ithuba elingangeveki ezimbini ukuya kwezintathu. Ngalo elo ke wobe sele ewuqabelisile umcimbi wokuthoboza uNgonyama ahluwane nokunqamzana nabo.
 Wahamba ke uMpukwana waya apho ahlala khona uNgonyama. Wothuka uNgonyama akubona le putswana ithunyelwe kuye zizilo, wazibuza wathi, “Le nto? Kuphela kwesithunyelwe ebezizigqathayo izilo? Ngani zingathumi nokuba nguDyaki ke, xa mhlawumbi oomaQwatha, oNdulamthi nooNdlovu basaphethe zintloni zokuxelelwa ngqo ukuba abanto, ndim Ngonyama inkosi yazo zonke izilo.”
 Wazamla uNgonyama, wabuza ngendelelo enkulu wathi, “Uhini ke umyalezo oza nawo, mfo kaMpukwana?” Kodwa waba bumangaliswa bubunganga bale mpukwana imthe nshoo ngamhlo,





Once upon a time, the animals of the jungle decided a meeting was long overdue. This was to be no ordinary meeting, and it was extremely important that each and every animal attend it.

All the animals were invited to attend. All except Lion. He was not invited because, you see, the meeting was about him. But Lion thought he was not invited because he was King of the Jungle.

“Perhaps,” thought Lion, “these silly fools want to crown me king. About time!”

At last, the day of the meeting dawned, and a bright and sunny day it was. Elephant declared the meeting open. The animals were all fuming.



“Has he come, Your Lordship? Has he come yet?” she asked.
 “The snivelling coward must have run away as soon as he heard my mighty roar,” Lion answered. “I have looked high and low for him. Open the door and let me out. I am hungry and a little thirsty.”
 But Little Mouse said, “Patience, Your Lordship, I do believe this animal is on its way. Before long he will be by your side.”
 Day after day, the same thing happened. Mighty Lion roared and growled, waiting to crush his challenger. But the challenger did not appear. And Little Mouse urged him to wait, assuring him that soon the challenger would come.

Waqengqa eli litye avale ngalo umlomo womqolomba lo uMpukwana. Wangena ngaphakathi. Yhoo, nalo utywantsi olunguNgonyama luthe tywaa-a phantsi. Ufile lunxano, amandla aphele pheliyane, yindlala. Iimbambo ziyanyakazela kukubhitya yaye ulolo tywantsi lungakwazi nokuphakamisa intloko le, kungasathethwa nto ke ngokuhamba.

“A-si-f-f-fi-kaanga,” kwatsho into elizwi litshothozayo, ithetha ngokuzekelela okukhulu.

“Uyaphazama, Mhlekazi wam,” yaphendula yatsho impukwana, itsiba-tsiba, itswina. “Ufike ngqo!”


Watweza loo mehlo amfiliba yindlala uNgonyama. “Uphi?”

“Nguye lo ukubethelele kule ndawo ukuyo. Nguye lo ukusenge onke amandla akho. Nguye lo ukukhothe nolwimi olu, woxuthe nomgqumo wakho.”

Wawatweza nangakumbi ngoku uNgonyama amehlo. “Indlala?” wabuza efinye itshiyi, ulwimi elurhole lungumnkabankaba ngaphandle.

Yanqwala intloko impukwana yaza yabaleka yaya kuxelela izilo ukuba, “Indlal’ isigwebele!”

Phela-phela ngantsomi!





Wathi xa ehamba, nabantwana bahamba naye.

When she left, the children went with her.

This story is an adapted version of *The storyteller of Ham* published by Cadbury in partnership with Nal'ibali as part of the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative. Each story is available in the eleven official South African languages. To find out more about the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative titles go to <https://cadbury.one/library.html>

Eli bali yinguqulelo elungiselelweyo ka-UNobalisa waseHam epapashwe nguCadbury ebambisene noNal'ibali njengenxalenye yephulo lika-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords. Ibali ngalinye lifumaneka ngeelwimi ezili-11 ezigunyazisiweyo zoMzantsi Afrika. Ukufumanisa ngakumbi ngezihloko zephulo lika-Cadbury Dairy Milk yiya ku-<https://cadbury.one/library.html>

Get story active!

- ★ Make a poster with a slogan about why libraries are important. Decorate your poster with a drawing of a library.
- ★ Pretend that you are the storyteller. Show how you would walk and talk like the old woman. Tell your favourite story.
- ★ Use clay or playdough, twigs, cardboard, sand and any other suitable materials to make a model of a village like the one in the story.

Yenza ibali linike umdla!


- ★ Yenza ipowusta eneslogani malunga nokuba kutheni amathala eencwadi ebalulekile. Yihombise iposta yakho ngomfanekiso wethala leencwadi.
- ★ Yenza ngathi ungunobalisa. Bonisa indlela ongahamba ngayo nongathetha ngayo xa ungumama omdala. Balisa ibali lakho olithandayo.
- ★ Sebenzisa udongwe okanye intlama yokudlala, iintsasa, ikhadibhodi, isanti nazo naziphi na izixhobo ezifanelekileyo ukwenza imodeli yesixeko esifana nesi sisebalini.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

The storyteller of Ham



UNobalisa waseHam

Lesley Beake • Natalie Hinrichsen

Ideas to talk about: What are your favourite kinds of stories to listen to? Can we learn things from stories? What have you learned from a story that you heard?

Izimvo eninokuthetha ngazo: Luhlobo luni lwamabali othanda ukuwaphulaphula? Ingaba sinokufunda izinto emabalinini? Ufunde ntoni kwibali olivileyo?



Drive your
imagination

“Ndingenza ntoni ukunibulela?”
 “Sicela usibalisele ibali!” batsho.
 Waza wenjenjalo ke.
 Wababalisele amabali amabini. Waza
 wababalisele amanye amabini kwakhona.

“What can I do to thank you?”
 “Please tell us a story!” they said.
 So she did.
 She told two stories. Then she told two more.





“Where are the children?” Papa
 asked Gogo.
 “Baphi abantwana?” uTata
 wabuza kuMakhulu.



“Where are the children?” Gogo
 asked Mama.
 “Baphi abantwana?” uMakhulu
 wabuza kuMama.



Abantu babaleka behlisa indlela. Bafika bafumana
 amabali omntu wonke apho kwithala leencwadi!



Abekho abantwana. Ingaba baphi bethu?

No children. Where could they be?



“Baphi abantwana?” uMama wabuza kuTata.

“Where are the children?” Mama asked Papa.

Abantwana bamphathela amanzi.

“Ndicela amanzi?”

ecochoza.

Kwafika umakhulu omdala kakhulu esixekweni

The children brought her water.

“Can I please have some water?”

the village.

An old, old lady came walking slowly into



The people ran down the road. In the library they found stories for everybody!



Once there was a village called Ham. It was just a village. Huts. Kraal. Cattle. People.

Some of the people were children.

Kudaladala, kwakukho isixekwana ekwakusithiwa yiHam. Yayisisixekwana nje esingathangani.

Sasinoorontawuli, ubuhlanti, iinkomo nabantu.

Abanye abantu yayingabantwana.



The children were sad. They wanted stories. They needed stories.

Abantwana babelusizi. Babefuna amabali. Babedinga ukubaliselwa amabali.



Mama found a word written in the sand:
UMama wafumana igama libhalwe esantini:



"Can we have a story?" they asked Papa.
"No," said Papa. (Papa didn't waste words.)
"Ungasibalisela ibali?" bacela kuTata.
"Hayi," watsho uTata. (UTata zange abe ejikeleza.)



"Can we have a story?" they asked Gogo.
"I'm too tired," Gogo said.
"Ungasibalisela ibali?" bacela kuMakhulu.
"Ndidinwe kakhulu," watsho uMakhulu.



"Can we have a story?" they asked Mama.
"I'm too busy," said Mama.

"Ungasibalisela ibali?" bacela kuMama.
"Ndixakeke kakhulu," watsho uMama.



LIBRARY!
ITHALA
LEENCWADI!

Straight after the meeting, Little Mouse went to Lion's den. Mighty Lion was astonished to see this little thing who had come to tell him what the animals had decided at the meeting. "What message do you bring?" Mighty Lion asked the mouse. "O, Mighty One! Little Mouse said, bowing low. "I bring rather surprising news, My Lord. There is, unbeknown to us, an animal stronger than Your Lordship!"

At that, Lion gave a terrible, mighty roar. The trees in the jungle shook and the animals scurried and hid in their burrows, nests and whatever else they could find, whether it was theirs or someone else's.




Kwathi ke kaloku ngantsomi! Izilo zabiza intlanganiso ekwakumele ukuba izinyaswe zizo zonke izilwanyana. Kodwa kuloo ntlanganiso yena uNgonyama wayengamenywanga. Isizathu sokuba angamenywa uNgonyama kukuba intlanganiso le yayingaye.

Izilwanyana zathi zenzela ukuba maze angakrokri ukuba ziyambhunga, zamxelela ukuba zifuna ukwenza amalungiselelo esidlo esikhulu apho khona aya kubekwa ngokusesikweni njengokumkani wazo zonke izilwanyana namahlathi.

Hayi ke, wavuya kunene akuva ukuba ngoku uza kungqinwa zizo zonke izilo njengokumkani wazo. "Mhlawumbi ndiza kuthweswa isithsaba, ndambathiswe nomnweba, ndiphathiswe nentonga yegolide enegqudu, intonga yobukhosi," wacinga njalo, ehamba ethetha yedwa. Hayi ke wakhukhumala nangakumbi ngoku uNgonyama asakubona ukuba ooNdlovu nooNdulamthi bancame ncamiyane. Kaloku, ezo nkosi bezikhe zimbangise ngobukhosi nobukumkani bezilwanyana ehlathini.

Kwathi kuba ilanga laliselise libutshona, kwasuka kwahlwa. Wagoduka ke uMpukwana, emshiya uNgonyama egqama apho kuloo mgolomba, efun' int' ib' ilapha. Kwalle ngentсени elandelayo, uMpukwana wavukela emgolombeni. "Sele sifikle na, Mhlekezi esi silo?" "Elo gwala libaleke liseva umgqomo lo wam kuphela. Khange libonakale tu apha. Ndivulele ndigoduke, ndibunxanwa yaye ndilambile." "Khawulinde nje umzuzwana, Mhlekezi," waphendula watshe uMpukwana. "Ingathi sele sisendleleni. Akuyi kuba kudala, sifike." Kwabuya kwahlwa, kwaphinda kwasa.



"He did not come," said a small, hoarse and hesitant voice. "You made a mistake, Your Lordship," said Little Mouse, jumping up and down with glee. "He did come! Yes, he did!"

Mighty Lion rolled his dull eyes from side to side. "Where is he?"

"He is the one who is holding you where you are. He has drained you of all your strength. He has dried your tongue and stolen your roar!"

Mighty Lion's eyes bulged. With his brow furrowed and his tongue hanging limply out of his mouth, he asked, "Hunger?"

Little Mouse nodded and ran out of that cave as fast as her little legs could carry her. She went and announced to all the animals of the jungle, "Hunger has slain our enemy!"

And so, this tale ends!

Yafika yona imini ebikade ixelwa. Zihlangana izilo nezilwanyana zehlathi. Wabe wona umxholo phofu ungoNkonyama. Zazidikwe ngokweneze izilo yimpakamo yakhe. Yayezazingamthandi konke ngenxa yokuba wayehlalele ukuzinqwama rhoqo xa elambile uNkonyama. Ngale mini ke zathi ukuba zihlangane, wawandlala umcimbi uNgcuka: “He zihlobo, niyayibona na into yokuba uNkonyama lo uthe gqolo esinqwama? Yinto emasiyinyamezele de kube nini na le?”

“Tyaph’ utsho, Ngcuka, mnta kamama,” watsibeleka watsho uNkawu. Lakatyu, yee ngcu kwisibe eliphhezulu, yaziqongela phantsi ezinye ezi izilo. Yhambisa yathi, “Umhle uNkonyama, ndijongile nje, uphezu kokusitya siphelile nyaa emhlabeni apha, sitshabalale kungaze kwaziwe nokuba kwakha kwakho izilo ezifana nath’ aba. Nditung’ udad’ ethu owatyiswa ngulo mfokazana, soze ayeke ukusithi ngwam-ngwam, ngwam-ngwam, okoko xa sisamumela.”

UNdlovu wacela ukwazi ukuba uNkawu uthi makuthiweni na. Hayi ke abebathabathana amacebo. Ililo phofu lihlaka liwe kwakubuzwa ukuba ngubani na oza kuliphumeza.

“Makubotshelelwe intsimbi entanyeni yakhe uNkonyama khon’ ukuze ezinye ezi izilwanyana zimve esekude zize zizimele,” wacebisa ngelishoyo uMfene.

“Sukusiphambanela apha,” waphendula watsho uNdulamthi, efixekile. “Simva esekude nangoku nje ngalo mgqumo wakhe? Awazi ukuba usitya kuba singawazi kumbaleka? Uyawazi nje amendu engonyama?”

Kwaphikiswana, kwaphikiswana de kwavela uMpukwana. “Ndingcebo mna, zinkosi.” Kodwa wathi akubuzwa ukuba laisithini na elo cebo lakhe, wala ukulixela esithi, “Ndithebeneni nina. Ukumbonisa ukuba licebo elilungileyo eli, ndiza kuliphumeza ngokwam.”

“Wena?” Wabuza watsho uNdulamthi ephelile yintsini.

“Friends,” Wolf howled, “Lion’s appetite is appalling. Every day many of us die to provide a feast for his bottomless pit of a stomach. He is eating us up faster than we can produce babies. He even eats the little ones. They don’t get a chance to grow up!”

“Soon, there won’t be any of us left,” Rhino said.

Monkey screeched, “Soon, soon, we shall be history! History!”

The big question of the day was: *How to stop the massacre?*

Then Elephant asked, “Does anyone have any suggestions?”

Oh, there were many suggestions, I can tell you. But, as fast as they came, they were discarded.

Finally, after many plans had been suggested and rejected, a small voice said, “Ladies and gentlemen, I have a plan!” All eyes turned towards the sound, and everyone was surprised to see who had spoken those brave words.

Little Mouse said her piece. “To show you how much I believe in my plan, I shall carry it out all by myself.”

“You?” Giraffe bellowed, unable to stop the giggles. “What do you think you can do to Mighty Lion?”

Now the other animals joined in and laughed at Little Mouse.

Little Mouse narrowed her little eyes. Her little tail trembled and quivered. She would show these big animals. She would show them – yes, she would.

Finally, the laughter stopped. The animals saw there was no other plan on the table. They had to accept Little Mouse’s plan.

“All I ask for is two weeks in which to carry out my plan,” Little Mouse said. By then, she said, she would have tamed Mighty Lion, and he would no longer gobble them down at will.

As the days passed, Mighty Lion grew more and more impatient. His strength weakened. His hunger grew, as did his thirst. But his pride did not grow any less. He still wanted to teach his challenger a lesson.

Each day, Lion’s roar grew weaker. Weaker and weaker it grew until, one day, Little Mouse had to put her little mouth to the crack and shout with all her might, “My Lord, has he not come yet?”

Then she listened for Mighty Lion’s reply. But none came. Little Mouse strained as hard as she could and listened for any sound from inside the cave. Finally, she heard a shuffling, a puffing and a puffing. After a while, there came a sound – Mighty Lion was trying to roar, but had no strength to do so at all.

Little Mouse knew the time had come. She quickly rolled back the rock closing the mouth of the cave and she entered. Inside she found the mighty one huddled in a sorry bundle – all skin and bones. He could not even lift his head. That is how dehydrated and famished he was. All his strength had left him. Of course, he was in no condition to walk at all.

Maar Zaqengqeleka iintsuku uMpukwana efika abuze ukuba uMhlelaki akakasiboni na esi silo singaphaya kwakhe ngamandla, impendulo ibe yelandulayo.

Kwakhula kuNkonyama ukudinwa kukulinda. Yakhula neyokulamba, nonxano alwampha thuba. Kodwa ke wabe esenamathamba uNkonyama, nomgqumo wakhe usenguwo, uvakala.

Kodwa ngenye intsasa, uMpukwana waba ngakhwaza, akwakhe kubuye mpendulo. Wasondela nangakumbi, wabuza wabuza, “Mhlelaki, asikafiki na esi silo?” Wamamela impendulo. Ayakhe itsho ukubuya loo mpendulo. Kodwa wabe esiva ukuba kukho ushixishixi okhoyo ngaphakathi apha. Kwalile emva kwemizuzu ebalekayo, weva ukuthinta kwesikhohlela, kwabe kusitsholo phantsi ngathi kokwexhegwazana eligulayo. Kanti yimizamo kaNkonyama leyo. Ngeba urheme uzama ukugquma, ntonje, amandla akakho tu.



The March equinox – what's that?

This year the **March equinox** falls on Sunday, 20 March 2022.

What is the equinox about? An **equinox** is when the centre of the sun is directly above the equator. The equator is an imaginary line that divides Earth into a northern and a southern hemisphere.

On the equinox, the daytime and the night are almost the same length. On that day, the day is only about 8 minutes longer than the night.

There are two equinoxes each year, one around 20 March and the other around 23 September.

There are also two **solstices**, one around 21 June and one around 21 December.

Imalunga nantoni i-ekhwinoksi?

I-ekhwinoksi kuxa umbindi welanga umi ngqo phezu kwe-ikweyitha. I-ikweyitha ngumgca ntelekelelo owahlula umhlaba kwisiqingatha esingentla nesiqingatha esingezantsi.

Nge-ekhwinoksi, ubude bemini nobude bobusuku buphantse bulingane. Ngolo suku, imini ibude buyimizuzu esi-8 kunobusuku.


Kunyaka ngamnye zimbini ii-ekhwinoksi, enye iba malunga nowama-20 kweyoKwindla ize enye ibe malunga nowama-23 kweyoMsintsi.

Ngokunjalo kukho **isolstisi** ezimbini, enye iba malunga nama-21 kuCanzibe ize enye ibe malunga nama-21 kweyoMnga.



I-ekhwinoksi yaseKwindla – yintoni leyo?

Kulo nyaka **i-ekhwinoksi** ingeCawa, umhla wama-20 kweyoKwindla 2022.



What is the March equinox? After the equinox, the sun crosses the equator and moves northwards. This means the start of autumn in the southern hemisphere and the start of spring in the northern hemisphere.

Yintoni i-ekhwinoksi yeyoKwindla?


Emva kwe-ekhwinoksi, ilanga linqumla i-ikweyitha lize libheke ngasentla. Oku kuthetha ukuqala kokwindla kwisiqingatha somhlaba esingezantsi kwanokuqala kweNtwasahlobo kwisiqingatha somhlaba esingentla.

FUN FACT!

The fastest sunsets and sunrises of the year happen on the days of the equinoxes.

INYANISO YOKUZONWABISA!

Iintshonalanga neempumalanga ezizezona zikhawulezayo zenzeka ngeemini ze-ekhwinoksi.



4 ways to celebrate the March equinox:

1. Spend time playing games outside. From now on, the days will become shorter and colder as we move towards autumn and winter.
2. Make a diary in which to write the signs of autumn that you see each day.
3. Find out why some trees start losing their leaves and other trees do not.
4. Write a poem about the equinox.

Iindlela ezi-4 zokubhiyozela i-ekhwinoksi yeyoKwindla:

1. Chithani ixesha nidlala imidlalo phandle. Ukusukela ngoku ukubheka phambili, iimini ziza kuba zisiba mfutshane ziye zibanda njengoko sisiya ngaseKwindla naseBusika.
2. Yenza idayari apho ubhala iimpawu zoKwindla ozibona kusuku ngalunye.
3. Fumanisa ukuba kutheni eminye imithi iwisa amagqabi ibe eminye ingawawisi.
4. Bhala umhobe nge-ekhwinoksi.



Why dassies have no tails



Written by Themba Mabaso ■ Illustrated by Vian Oelofson

Long, long ago, animals had no tails. They were very unhappy about this, so they called a meeting at the watering hole.

Dassie watched as the animals passed by on their way to the meeting.

"Hurry up! We need to get to the meeting," shouted Hare as she hopped by.

"Don't worry, I'll follow you!" answered Dassie and he turned his back towards the rays of the warm sun.

"Aren't you joining us?" asked Monkey as he passed by.

"Don't worry, I'll be on my way soon," replied Dassie lying on his back to warm his tummy.

The last animal to come by was Dassie's best friend, Tortoise. "Aren't you coming to the meeting?" she asked.

"Only if my friend can give me a lift," replied Dassie.

"But my shell is already heavy," said Tortoise.

"Well, I'm not heavy. You won't notice any difference with me on top," said Dassie with a wide smile.

"But my shell is hard and uncomfortable to sit on," explained Tortoise.


"I'm a dassie! I'm used to sitting on hard rocks!" replied Dassie, jumping on Tortoise's back. Dassie was heavy, but what could Tortoise do? Dassie was her best friend.

At the meeting, the animals talked about tails.

"I look ugly without a tail," complained Hyena.

"When I try to turn when I'm running, I fall over because I do not have a tail," said Cheetah.

"I need an extra limb to free my hands when I swing on the trees and pick fruit," said Monkey.



"Let's ask the Creator to give us tails," suggested Lion.

So, the animals turned their faces up to the sky. "Oh, Creator, please give us tails!" they pleaded.

A loud voice boomed from the sky. "Tomorrow morning, go down to the river and there you will find tails on the big tree."

The animals returned home feeling hopeful and happy.

"I can't wait to get a tail. Tomorrow, let's go together to fetch our tails," said Dassie as Tortoise dropped him at the rock he called 'home'.

Knowing that she moved slowly, Tortoise woke up early the next morning. It was still dark when she left her home, and the other animals were still sleeping.

As Tortoise passed Dassie's home, she shouted, "Come on! Let's go and get our tails!"

"Not today. I'm feeling lazy. I'm just going to sit on this rock and enjoy the sun. Please fetch a tail for me and drop it off on your way home," said Dassie with a wide smile. "I would love a long, bushy one."

Tortoise was surprised that Dassie was not coming along. "Will do," she said happily, realising that at least she would not have to carry Dassie on her back.

At dawn, the other animals made their way to the river in a large group. They were faster than Tortoise, so they passed her along the way. But Tortoise was determined to reach the tree to get a tail for herself and her friend, so she crawled on.

As the animals neared the river, they saw the tree filled with tails. There were short tails, long tails, bushy tails and thin tails. There were beautiful tails and ugly tails.

The animals started to move towards the tree. It was clear that whoever reached it first would have the best choice of tail. Monkey jumped from tree to tree. Lion, Cheetah and Zebra sprinted. Elephant and Rhino made a clumsy dash. Jackal trotted faster as did Pig, but Pig stopped here and there to eat some tasty grubs and roots. Tortoise followed at the back.

Monkey was first to get to the tree. She grabbed the longest tail. Cheetah was second and he took another long tail. The next animals chose tails from the ones left hanging on the tree.

When Pig and Tortoise finally arrived, there were only two tails left. One was a short, stubby tail and the other a thin, curly one. Pig chose the curly tail, so Tortoise got the chubby one.

There was nothing left on the tree, and no one had remembered that Dassie wanted a tail too.



From his rock, Dassie could see the animals coming home. They walked with a swagger and swung their tails from side to side. "I cannot wait to get my new tail!" thought Dassie.

Dassie saw Tortoise and Pig walking along. "Did you bring me my tail, Tortoise?" asked Dassie as they drew nearer.

"No, I'm sorry, my friend, but they ran out! Pig and I got the last two tails. Look at my tail," explained Tortoise, pointing to her stubby tail. "This is all I could get."

"I should have gone myself!" said Dassie regretfully. "I am faster than both of you. I could have got myself a really nice tail if only I had not been so lazy." Tortoise and Pig walked away in silence.

And that's why dassies don't have tails – but they still sit on rocks to enjoy the warmth of the sun!

Get story active!

★ Imagine that the animals had chosen different tails from the tree. Draw a picture of any animal with a different type of tail, such as Tortoise with a lion's tail or a zebra with a pig's tail.

- ★ Be a word detective! Look closely at the story. Can you find: the names of four animals - two number words - five words that describe tails?
- ★ Pretend that you are Dassie. Write a letter to the Creator asking for another chance to get a tail.



Drive your
imagination



Kutheni iimbila zingenamisila

Libali likaThemba Mabaso ■ Imizobo nguVian Oelofson



Kudaladala, izilwanyana zazingenamisila. Zazingonwabanga kakhulu yile nto, zaza zabiza intlanganisano ngakumngxuma ezisela kuwo.

UMbila wabukela njengoko izilwanyana zazigqitha endleleni eya entlanganisweni.

"Khawuleza! Kufuneka siye kufika entlanganisweni," wamemeza uMvundla etsibatsiba edlula.

"Ungakhathazeki, ndiza kukulandela!" waphendula uMbila waza waguqkela ngakwimitha yelanga elifudumeleyo.

"Awuzi kuzibandakanya nathi?" wabuza uNkawu njengoko wayedlula.

"Ungakhathazeki, ndiza kuba ndisendleleni ngokukhawuleza," waphendula uMbila engqengqa ngomqolo ukufudumeza isisu sakhe.

Isilwanyana sokugqibela ukudlula yayingumhlobo osenyongweni kaMbila, uFudwazana. "Awuyi entlanganisweni?" wabuza.

"Ukuba nje umhlobo wam angandibekeka," waphendula uMbila.

"Kodwa iqokobhe lam selinzima nje," watsho uFudwazana.

"Ukuba kunjalo, mna andinzimanga. Sobe uve mahluko xa ndikhwele ngaphezulu," watsho uMbila ngoncumokazi.

"Kodwa iqokobhe lam liqinile yaye akungebi mnandi ukuhlala kulo," wacacisa uFudwazana.

"Ndiyimbila! Ndikuqhelile ukuhlala ematweni aqinileyo!" waphendula uMbila, etsibela kumqolo kaFudwazana. UMbila wayenzima, kodwa wayenokwenza ntoni uFudwazana? UMbila wayengumhlobo wakhe osenyongweni.

Entlanganisweni, izilwanyana zathetha ngemisila.

"Ndikhangeleka mbi ngaphandle komsila," wakhazaza uNgcuka.

Xa ndizama ukujika xa ndibaleka, ndiyawa kuba andinamsila," watsho uNgwenkalo.

"Ndidinga ilungu elongezelekileyo ukuze ndikhulule izandla zam xa ndijwuzwa emithini ndisikha iziqhamo," watsho uNkawu.



"Masicele uMdali asinike imisila," wacebisa uNgonyama.

Ngoko ke, izilwanyana zaguquka zajonga phezu esibhakabhakeni. "Owu, Mdali, sincede siphe imisila!" zacenga.

Ilizwi elikhulu latsho esibhakabhakeni. "Ngomso kusasa, maze nihambe niye emlanjeni kulapho nawufumana khona imisila emthini omkhulu."

Izilwanyana zagoduka ziziva zinethemba zaye zonwabile.

"Andisangxame ngako ukude ndifumane umsila. Ngomso, masihambe kunye ukuyothatha imisila yethu," watsho uMbila njengoko uFudwazana wayembeka kwilite awayelibiza ngokuba 'likhaya.'

Esazi ukuba wayehamba ngokucotha, uFudwazana wavuka kwangethuba ngentsasa elandelayo. Kwakusemnyama xa wayeshiya ikhaya lakhe yaye ezinye izilwanyana zazisalele.

Njengoko uFudwazana wayedlula kwikhaya likaMbila, wakhwaza, "Yiza! Masihambe siyokuthatha imisila yethu!"

"Hayi namhlanje. Ndiziva ndisonqena. Ndiza kuvele nje ndihlale kweli litye

ndonwabele ilanga. Nceda undithathele umsila uze uwushiye apha endleleni egodukayo," watsho uMbila ngoncumokazi. "Ndingathanda omde ofukufuku."

UFudwazana wayemangele ukuba uMbila wayengayi. "Ndakwenjenjalo," watsho ngokonwaba, eqonda ukuba okuncinane wayengazukunyanzeleka abeleke uMbila emqolo wakhe.

Xa kumpondo zankomo, ezinye izilwanyana zahamba ziliqela elikhulu zaya emlanjeni. Zazikhawuleza kunofudwazana, ngoko ke zamdlula endleleni. Kodwa uFudwazana wayezimisele ukuya kufika emthini ukuyokuzifumanela umsila kwakunye nomhlobo wakhe, ngoko ke waqhubeka warhubuluza.


Njengoko izilwanyana zazisondela emlanjeni, zabona umthi uzele yimisila. Kwakukho imisila emifutshane, imisila emide, imisila efukufuku nemisila ebhityileyo. Kwakukho imisila emihle nemisila emibi.

Izilwanyana zaqalisa ukuya ngasemthini. Kwakucacile ukuba lowo ufike kuwo kuqala wayeza kukhetha owona mhle umsila. UNkawu watsiba ukusuka komnye umthi aye komnye. UNgonyama, uNgwenkalo noQwarhashe babaleka ngesantya esikhulu. UNdlovu noMkhombe bagxadazela betsiba. UDYakalasho waqabadula ngokukhawuleza ngokufana noHagu, kodwa uHagu wema apha naphaya ukuba atye imibungu neengcambu ezinencasa. UFudwazana walandela ngasemva.

UNkawu waba ngowokuqala ukufika emthini. Waxhakamfula owona msila mde. UNgwenkalo waba ngowesibini waza wathatha omnye umsila omde. Izilwanyana ezilandelayo zakhetha imisila kuleyo yayishiywe ijinga emthini.

Xa uHagu noFudwazana befika ekugqibeleni, kwakusele imisila emibini kuphela. Omnye umsila wawumfutshane usisinqindi, yaye omnye ubhityile ujikojiko. UHagu wakhetha umsila ojikojiko, ngoko ke uFudwazana wafumana osisinqindi.

Kwakungekho nto iseleyo emthini, yaye kwakungekho mntu wayekhumbula ukuba uMbila naye wayefune umsila.



Esityeni lakhe, uMbila wayebona izilwanyana zibuya zigoduka. Zazihamba ngokuqhayisa yaye zijwuzisa imisila yazo ngapha nangapha. "Andisangxame ngako ukude ndifumane owam umsila!" wacinga uMbila.

UMbila wabona uFudwazana noHagu besiza. "Undiphathele umsila wam, Fudwazana?" wabuza uMbila ngokuya besondela.

"Hayi, ndiyaxolisa mhlobo wam, kodwa iye yaphela! UHagu nam sifumene emibini yokugqibela. Jonga umsila wam," wachaza uFudwazana, ekhomba umsila wakhe osisinqindi. "Kuphela kwento endibe nokuyifumana le."

"Bekumelwe ukuba ndiziyele ngokwam!" watsho uMbila ezisola.

"Ndinamendu ngaphezu kwenu nobabini. Ndinge ndizifumanele umsila omhle nyhani ukuba nje bendingonqenanga kangaka." UFudwazana noHagu bemka bethe cwaka.

Yaye kungeso sizathu ukuba iimbila zingabi namisila – kodwa zisachopha ematweni ukonwabela ubushushu belanga!

Yenza ibali linike umdla!

★ Yiba nomfanekiso ngqondweni wokuba izilwanyana zazikhethe imisila eyohlukeneyo emthini. Zoba umfanekiso waso nasiphi na isilwanyana esinomsila owahlukileyo, ofana noFudwazana enomsila wengonyama okanye iqwarhashe elinomsila wehagu.

- ★ Yiba ngumcuphi wamagama! Khangela ibali ngenyameko. Ungakwazi ukufumana: amagama ezilwanyana ezine – amagama amanani amabini – amagama amahlanu achaza imisila?
- ★ Yenza ngathi unguMbila. Bhalela uMdali incwadi ucele elinye ithuba lokuba ufumane umsila.





1. Which tail belongs to which animal?

Follow the paths through the maze to find out.

Ngowuphi umsila ongowesiphi isilwanyana?

Landela iindlelana kumqathango ukufumanisa.



2. If you had a tail, what would it look like?

Circle the words that would describe your tail.

long short hairy fluffy
no hair curly straight
brown pink black yellow

Write a short paragraph about what you would do if you had a tail.

- If you had a tail, would you hang from a tree?
- Would you use it to sweep the floor or to wash your face?

Ukuba ubunomsila, ubungakhangeleka njani?

Rhangqela amagama abenokuchaza umsila wakho.

mde mfutshane unoboya ufukufuku
awunazinwele ujikojiko ungqalile
umdaka ngebala upinki umnyama umthubi

Bhala umhlathi omfutshane ngento obunokuyenza ukuba ubunomsila.

- Ukuba ubunomsila, ubungakwazi ukujinga emthini?
- Ubungawusebenzisela ukutshayela phantsi okanye ukuhlamba ubuso bakho?



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org
 www.nalibali.mobi
 [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
 [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
 [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
 info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

